# Ekunyamezeleni kukho umvuzo

Ibhalwe nguMaxwell N Mamathuba
Izotywengu Ntibile Zonke



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi

UVumile wayehlala kwilali yaseVuvuzela, ehlala notata wakhe uVukile, umama wakhe uVuyiswa kunye notatomkhulu wakhe uVakele.

Zazimbini izindlu kwikhaya lakhe elalibiyelwe ngocingo oluhlabayo.

Kwakukho indlu eyakhiwayo eyayinamagumbi amahlanu, kodwa ayemabini kuphela amagumbi ayesele emile.

UVukile wayeqale ukuyakha le ndlu ngethuba esaphangela evenkileni yakwaVuzubusi.



Enye indlu yayingurontawuli owayesetyenziswa njengegumbi lokuphekela. Umama wakhe ke wayephekela kulo rontawuli.

UVumile wayeneminyaka eli-12 ukuqala kokubaliswa kweli bali.

Wayeyinkwenkwe elunge kakhulu eluthanda usapho lwakhe futhi ethanda wonke umntu wosapho lwakhe.

Wayesazi ukuba zininzi izinto ezikhoyo kwamanye amakhaya abangenazo bona.

Amakhwenkwe amaninzi angoontanga bakhe ayeneebhayisekile. Yena wayengenayo ibhayisekile.

Wathi xa eyicela kutata wakhe, wasuka wathi, “Mntanam ndiza kukuthengela ibhayisekile xa ndinemali.”

Wayamkela ke loo mpendulo kuba wayemhloniphe kakhulu utata wakhe kunye noyisemkhulu wakhe.



UVukile waphelelwa ngumsebenzi evenkileni yakwaVuzubusi. Wathi akuphelelwa, akahlala nje wazama ukuzisebenzela.

Waqalisa ngeshishini lokuchwela awayeliqhubela kwikhaya lakhe.

Wayesenza izitulo, iitafile, amacephe, izingqusho, nezitya. Wayesenza nantoni abantu abacela ukuba abenzele yona.

Ngamanye amaxesha uVumile wayencedisa utata wakhe akubuya esikolweni.

Wayedla ngokuthunywa ukuba ahambise iiodolo zabantu okanye aye kuthengisa ngeempelaveki.

Okuye lihamba ixesha abathengi baye bencipha ngokuncipha.

UVukile waqonda kwangoko ukuba ishishini lakhe alisenangeniso njengangaphambili. Izinto ezazithengwa yayingamacephe nezingqusho.

UVumile wayesekwisikolo samabanga aphantsi esasikufuphi kowabo.

Umama wakhe wayedla ngokumkhuthaza amxelele ukuba afunde ngokuzimisela kuba imfundo yiyo eza kumkhupha kwintlupheko.

Wamphulaphula umama wakhe wafunda ngokuzimisela. Wayekuthanda kakhulu ukufunda iincwadi. Wayengafundi nje iincwadi zesikolo koko wayefunda nayiphi incwadi adibana nayo.



UVumile wayethanda ukufunda amaphephandaba okanye oolindixesha. Oku kwenza ukuba abe nolwazi olungaphezulu koloontanga bakhe.

Wayelilungu kwithala leencwadi futhi esoloko eboleka iincwadi emva kweeveki ezimbini ukuya kwezintathu. Wayewayefunda nawesiNgesi amabali, nto leyo eyasiphucula kakhulu isiNgesi sakhe.

Ootitshala abaninzi babemncoma besithi uqhuba kakuhle. Wayefumana amanqaku aphezulu rhoqo xa kubhalwa uvavanyo.

Wayebuya echulumancile qho umama wakhe xa eye kuthatha iripothi yakhe.

Iyunifom kaVumile yayimbatshile ineendawo ezixoliweyo ngenxa yokuhlanjwa okokoko. Umama wakhe wayeyithunga xa ikrazukile. Ngenye imini umama wakhe waya kuhlamba impahla emlanjeni engenasepha.

Amanenekazi ayelapho emlanjeni aqaphela ukuba uhlamba iimpahla ngechebetyu lesepha aze amnika umgubo omninzi wokuhlamba iimpahla. Wahlamba ngawo de washiyeka. Wavova ebulela la manenekazi ngobuntu bawo.



UVumile wayengenazo izihlangu zesikolo esiya ngeenyawo esikolweni. Ukanina wakhe wampha izihlangu kodwa zingezizo ezesikolo.

Amaqumrhu akwaNECT nakwaWoolworths anikezela ngezihlangu zesikolo kwisikolo sakhe wabe ke uyancedakala ngolo hlobo.

Ezi zihlangu zanikezwelwa ngomhla wetheko elalisesikolweni sakhe.

Kwakhethwa abafundi abathile ekwakukho kubo noVumile, baze baphiwa izihlangu kunye noobhaka besikolo.

Ngezinye iimini uVumile wayesiya esikolweni engatyanga. Ngethamsanqa abafundi babephekelwa kwisikolo sakhe ze baphakelwe ngexesha lekhefu.

UVumile nabanye abafundi ababesuka kumakhaya ahlelelekileyo babephakelwa kakhulu bona. Okushiyekileyo ukutya babekuthatha bagoduke nako ze bakutye ngokuhlwa.



Xa kuvalwa izikolo babenikwa ukutya okungaphekwanga okufana nomgubo wombona, iimbotyi, nezinye izinto khonukuze bangalambi ngexesha leeholide.

Wathi xa ekwibanga lesi-7 uVumile, utata wakhe wazama ukumkhangelela indawo yokufunda kwisikolo semfundo ephakamileyo iVulithuba. Wayeza kufunda ibanga lesi-8 kwesi sikolo.

Waliphumelela emagqabini ibanga lesi-7 waza wangena kwisikolo iVulithuba Sekondari. Iyunifom yasesinaleni yayahlukile kweyesikolo ebefunda kuso.

Yayizihlangu kuphela into awayenokuyisebenzisa kwesi sikolo sitsha.

Utata wakhe wahamba naye baya kuthenga ibhlukhwe kunye nehempe yesikolo enye. Akazange akwazi ukumthengela itrekhsuti kuba wayengenamali.

UVumile waqalisa ke wafunda eVulithuba Sekondari.

Kwesi sikolo abafundi kwakufuneka ukuba banxibe iyunifom ngoMvulo, Lwesibini nangoLwesine. ULwesithathu yayiyimini yemidlalo ngoko kwakunxitywa iitrekhsuti.

ULwesihlanu yayiyimini yokuhomba, kwanganxitywa yunifom. Abafundi babehomba ngeempahla abazithandayo ze bahlawule iirandi ezi-5.



UVumile wayesoloko esohlwaywa ngokunganxibi itrekhsuti ngoLwesithathu. NgoLwezihlanu wayenxiba iyunifom kuba wayengenzayo imali neempahla anokuyinxiba.

Emva kweenyanga ezimbalwa esesinaleni, uVumile wafumanisa ukuba ubomi bunzima kakhulu kuye. Wayenxiba iyunifom yakhe iveki yonke.

Kwaba kubi kakhulu kuye mhla wakrazukelwa yibhlukhwe yakhe ngasemva. Amanye amakhwenkwe ayegigitheka emhleka ngelixa amanye ayemenza isigculelo sawo.

Njengokuba ihempe yakhe wayeyihlohlile kwanyanzeleka ukuba ayikhuphe ukuze ogqume ngayo indawo esebhlukhweni ngemva eyayinomngxuma.

Abafundi abagezayo bangxoliswa kanobom ngootitshala ngob' into ababeyenza yayingavumelekanga esikolweni.

Emva kwemini ngaloo mini, UVumile wathetha nabazali bakhe ebachazela ukuba ubomi abuphilayo esikolweni abunyamezeleki tu.

Wathi, “Mama notata, ndicinga ukuba ndisiyeke isikolo kuba kubi kakhulu kum esikolweni, ndiyintlekisa kumntu wonke.”

Utata wakhe zange amphendule, wasuka wamcela ukuba ambonise iincwadi zakhe zomsebenzi.



Wathi akuzijonga, wafumanisa ukuba ufumene amanqaku aphezulu kakhulu kumsebenzi waseklasini, owasekhaya nalowo wovavanyo.

Wathi, “Nyana wam, uqhuba kakuhle kakhulu kuzo zonke izifundo zakho. Eyona nto ibalulekileyo yile, enye nenye iza kudlula.”

Umama wakhe yena wathi kuye, “Mntwana wam, ekunyamezeleni kukho umvuzo, iMfundo kuphela kwesixhobo esinokukukhupha kwintlupheko.”

Waphendula uVukile, “Ndiyayiqonda le nto niyithethayo kodwa akumnandanga tu kum esikolweni. Ndicela ukuhlala unyaka nje ube mnye, sizame ukuqokelela imali ze ndiphindele ke esikolweni ke kunyaka ozayo. Ndiza kuvusa igadi ndilime imifuno ze ndithengise ndiphinde ndincedise notata kwishishini lakhe lokuchwela.”

“Vumile mntwana wam, mandikhe ndiyokuthetha nenqununu. Ngalo mzuzu umama wakho uza kube exola ibhlukhwe yakho,” watsho ehamba uyise.

Wahamba uVukile waya emzini kaMnumzana uVanqa, inqununu yaseVulithuba. Inqununu yayihlala kwikhaya elinemigangatho emibini, elibiyelwe ngodonga oluhle. Wafika wakhwaza esangweni, “Molweni!”

Laqalisa ukuvuleka isango kungekho mntu ulivulayo phofu. Emva koko waphuma waza kumamkela uMnu. Vanqa.



“Ndithe ndakubona eli sango lizivulekela kungekho mntu, ndaqonda ukuba inene ziza kundidlakaza izinja ukuba zikhona.” Watsho uVukile encumile.

Waphendula uMnu Vanqa, “Bendisafaka imoto egaraji, kodwa ke asinazo izinja apha ekhaya. Ndabona umntu andikhange ndicinge ukuba ndiza kumbona, Vukile! Kudala sigqibelene!”

“Kaloku sagqibelana ngexesha ndandisenza iishelufa apha egaraji,” waphendula uVukile.

Bathi ke bakungena endlwini, uVukile wancokolela uMnu Vanqa ngeengxaki ahlangabezana nazo malunga neemfuno zesikolo zonyana wakhe.

Wachaza wathi, “Eyona nto indiphethe kakubi, le nkwekwe ifuna ukusiyeka ngoku sikolo de sibe nemali. Andisoze ndonwabe ke xa inokwenzeka loo nto kuba uyinkwenkwe ekrelekrele lo mntwana. Bangathini khona abahlali ngam?”



Yaphendula inqununu yathi, “Ndiza kumnceda uVukile. Kufuneka xa ephuma esikolweni eze apha lo mntwana. Mxelele ukuba ngomso aze afike phaya kum eofisini.” Wahamba eziva onwabile uVukile.

Wathi akufika ekhaya uVukile wachazela unkosikazi nonyana wakhe wathi, “Vumile, ngomso ukufika kwakho esikolweni kufuneka uye eofisini yenqununu.”

Wakwenza oko uVumile. Inqununu yamxelela izinto aza kuzenza akufika kwikhaya layo futhi yamthembisa ukuba iza kumthengela iyunifom kunye netrekhsuti.

Ukususela loo mini ke uVumile wayesebenza kwikhaya lenqununu qho ukuphuma kwesikolo. Wayesebenza nangeMigqibelo kodwa agqibe ngethuba. Wayengasebenzi ngeeCawa.

UMnu Vanqa wamthengela iyunifom njengoko wayethembisile. Ekupheleni konyaka waliphumelela emagqabini ibanga lesi-8 uVumile. Waqhubeka ke esebenza kwaMnu Vanqa de waphulela nele-9 ibanga.

UMnu Vanqa wayenabantwana ababini, uPhumezo noPhumza.

UPhumezo wayengomdala aze uPhumza yena abe yintanga kaVumile kwaye babefunda ibanga elinye.

UPhumezo noPhumza babefunda esinaleni ePhumelela. Babehamba ngeteksi xa besiya esikoleni kuba kwakukude.



NgeMigqibelo uVumile wayencedisa uPhumza kumsebenzi wakhe wesikolo awenza ekhaya. Nangona wayekwibanga elingasentla uPhumezo, wayethanda ukumncoma uVumile ngolwazi lwakhe lweMathematika neNzululwazi.

UPhumeza noVumile baqhubeka balipasa ibanga le-10 ekupheleni konyaka.

Ngexesha esenza ibanga le-12 uVumile, wayesoloko echitha ixesha nosapho lwakwaVanqa. Wayedla ngokulinda uPhumeza ukuba abuye esikolweni aze amncedise kumsebenzi wakhe wesikolo awenza ekhaya.

Nangona wayengaphangeli ngeecawa, wayesiya kuPhumeza ukuze bafunde kunye.

Waliphumelela emagqabini iBanga le-12 waqaqamba kwizifundo zeNzululwazi, iMathematika nesiNgesi. Amaqumrhu amaninzi amnika ibhasari ukuze afunde kwiyunivesithi ekhethwe nguye.

Kwezo bhasari wakhetha awayeyinikwa liqumrhu elikhulu waze wafunda izifundo ze*Environmental Engineering* kwiyunivesithi yaseKapa.

Eli qumrhu laliza kumhlawulela izifundo zakhe, indawo yokuhlala, ukutya, ukukhwela kunye neencwadi. Lamthengela itikiti lenqwelomoya wabe ubhabha okokuqala ngenqwelomoya oko wazalwa.

Ngenyanga yeSilimela wathumelela utata wakhe imali yokuba agqibezele ukwakha indlu.



Wamxelela ukuba uye wayigcina enye imali kuleyo yebhasari. Wathi gqolo ke wathumelela abazali bakhe imali yokutya. Kwakungekho nto idingekayo kowabo.

Kunyaka wesine wazigqiba izifundo zakhe zeEnvironmental Engineering uVumile.

Abazali bakhe bakhwela inqwelomoya okokuqala besiya kuthweso zidanga lonyana wabo eKapa. Waye waqeshwa ekapa liqumrhu elalimnike ibhasari. Emva kwethuba wathunyelwa ukuba aye kusebenza kwiphondo laseRhawutini.

Wathi akubuya ngeholide waya kwenza umbulelo kuMnu Vanqa ngokumnceda ngethuba efunda eVulithuba.

Wakhela utata wakhe indawo yokusebenzela enkulu waze wamthengela izixhobo zokuchwela ezisebenza ngombane. Inene ekunyamezeleni kukho umvuzo.

